## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lahlulwe langamaCandelo amane:

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A** | **:** | Uvavanyo lokuqonda | [20] |
| **ICANDELO B** | **:** | Isishwankathelo | [10] |
| **ICANDELO C** | **:** | Ukusetyenziswa kolwimi | [30] |
| **ICANDELO D** | **:** | Uncwadi | [20] |
| **ICANDELO E** | **:** | Ubuchule bokubhala | [20] |

2. Umfundi unyanzelekile ukuba ayiphendule YONKE imibuzo.

3. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

4. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.

5. Nika ingqwalasela eyodwa kwindlela opela ngayo nendlela ocwangcisa ngayo umsebenzi wakho.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA


### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA

Funda esi sicatshulwa silandelayo ngocoselelo uze uphendule imibuzo ebhekiselele kuso:

1. UNoluthando Hlophe yintombi eneminyaka engama-21, uhlala eRosebank kwaye usebenza e-eNews *njengecamera woman.* Umsebenzi wakhe ujongene nokuphuma aye kufota iindaba ngokuthi aqokelele imifanekiso echaza ibali. “Ndandinomnqweno wokufunda *iDramatic Arts* kodwa zathi zakungavumi iimeko, ndakhetha *iTelevision Production,”* utsho uNoluthando. Izifundo zakhe uzenze eDurban University of Technology waza waya kusebenza eJoburg.

UNoluthando uthi uyawuthanda umsebenzi wakhe. Uvuka ngentsimbi yesibhozo kusasa, ahlambe aye emsebenzini ukuze azimase i*diary meeting* apho baxoxa amabali olo suku, emveni koko anikwe ibali. Ethetha malunga nendlela yokumelana nenzima zomsebenzi uNoluthando uthi, “Ngamanye amaxesha ndiziva ndigxekwa ngenxa yesini sam. **Ndifunde ukuyivuthulula loo ngcinga**. Abantu bayothuka kukuva ukuba ndenza ntoni. Xa ndiphuma, ndiphumela amabali abantu balindela umfoti oyindoda kwaye uninzi alunazo iintloni zokundixelela. Bendidla **ngokukhubeka** kodwa ngoku ndisuka ndihleke.”





2. USamkelisiwe Mabuya yena libhinqa elineminyaka engama-26 uhlala *eRandburg* kwaye usebenza kwaTelkom *njengetechnician.* Umsebenzi wakhe ngowokufakela kwaye alungise iingcingo zeefowuni. Uthi wayekwibanga lematriki ukuqala kwakhe ukucinga ngowona msebenzi awayeza kuwulandela. Uthi wayengazazi ukuba ufuna ntoni kodwa wayefuna into eyahlukileyo ngoko ke wakhetha i-Electrical Engineering. “Ngaphandle komphathi wam, ndim ndedwa ibhinqa eofisini. Ndandisoyika kuqala kodwa abalingane bam abangamadoda bandinceda kakhulu ndade ndaqhela,” utsho uSamkelisiwe. Uqhuba athi abanye abantu bakhe bambuze ukuba uyayazi na le nto ayenzayo, imibuzo enjalo ke yiyo emkhathazayo ade ngamanye amaxesha afune ukunikezela kodwa aphinde azinqande ngelithi lo ngowona msebenzi athanda ukuwenza.

[Lithatyathwe kwi*BONA Magazine*, April 2011 laza lahlelwa]

1.1 UNoluthando Hlophe uwufundele kweyiphi idyunivesithi lo msebenzi awenzayo? Khetha impendulo ibeNYE kwezi zingezantsi uze ubhale unobumba omele impendulo echanekileyo kuphela.

A. University of Johannesburg
B. University of KwaZulu-Natal
C. Durban University of Technology
D. University of South Africa (1)

1.2 Umsebenzi kaNoluthando ngowoku … (Gqibezela) :

A. bhala iindaba
B. chola-chola iindaba
C. fota iindaba
D. phula-phula iindaba (1)

1.3 Uvuka ngaliphi ixesha uNoluthando? Evuka enze ntoni? (2)

1.4 Bhala igama elipheleleyo legama “uJoburg” (1)

1.5 Usebenza phi uSamkelisiwe? (1)

1.6 USamkelisiwe usebenza njengetechnician. Yintoni eyona nto ayenzayo kulo msebenzi wakhe? (2)

1.7 Iminyaka kaSamkelisiwe ingama-26. Bhala ke wena eli nani leminyaka yakhe ngamagama esiXhosa. (1)

1.8 UNoluthando noSamkelisiwe bakhe bazibone besengxakini yokukhathazeka emisebenzini yabo. Ingaba siyintoni isizathu soku kukhathazeka kwabo? (2)

1.9 Kulo nyaka sikuwo, mingaphi iminyaka kaNoluthando? (1)

1.10 Kumhlathi wokuqala kukho ibinzana elibhalwe ngqindilili. Bhala ela binzana libhalwe ngqindilili usebenzise isiXhosa esilula. (2)

1.11 Igama “**ukukhubeka”** lineentsingiselo ezimbini ezahlukileyo: Bonisa lo mahluko ngokuthi uwubhale kwizivakalisi eziBINI. (2)

1.12 Isichasi segama **“ukugxekwa”** kukunyemba: Yinyani okanye Asiyonyani? Xhasa impendulo yakho ngeyona mpendulo ichanekileyo. (1)

1.13 USamkelisiwe uthi: “Ngaphandle komphathi wam, ndim ndedwa ibhinqa e-ofisini”. Ingaba la mazwi athetha ukuba umphathi kaSamkelisiwe libhinqa okanye yindoda? (1)

1.14 Nika isininzi segama ‘ibhinqa ‘ (1)

1.15 Khawuthiye esi sicatshulwa isihloko esisifaneleyo. (1)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 20**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ngamagama angama-50 – 60.

- Bhala umhlathi okanye iingongoma.
- Sebenzisa ulwimi olusulungekileyo ubhale ngamazwi akho kodwa ungaphumi emxholweni.
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ekugqibeleni.

Ulwabiwo lwamanqaku:

- Khupha iingongoma ezisixhenxe. (7)
- Sebenzisa ulwimi oluchanekileyo. (3)

Ezi zilandelayo ziintlobo ezine zobuzali njengoko zichaziwe nguMaccoboy noMartin, (1983): **Ubuzali obungqongqo** – apha abantwana kufuneka belandele imigaqo engqongqo ebekwe ngabazali. Ukungathobeli le migaqo kudla ngokulandelwa ziziphumo zokohlwaywa. Xa umntwana ebuza ukuba ayenzele ntoni na into ethile, impendulo idla ngokuthi, “kuba nditsho.” Le ndlela yobuzali ikhupha abantwana abathobekileyo nabaphumelelayo kodwa abangonwabanga nabangazithembanga.

**Ubuzali obunengqeqesho** – kolu uhlobo lobuzali kubekwa imigaqo nezikhokelo emazilandelwe ngabantwana. Kolu hlobo lobuzali kuyathethwa-thethwana nabantwana. Abazali bayayiphendula imibuzo evela ebantwaneni. Bayabaxolela xa bonile kunokubohlwaya. Iziphumo zolu hlobo lobuzali ngabantwana abazithembileyo, abaqeqeshekileyo, abanobubele, abanentsebenziswano, abonwabileyo,nabakwaziyo ukuphumelela.

**Ubuzali obunguvula-zibhuqe** – Abantwana ababaluleki kolu udidi lwabazali kuba akukho nto ingako elindelweyo kubo malunga nokukwazi ukuziphatha nokukwazi ukuzilawula, abazali balindela loo nto ivela ebantwaneni. Abazali abakhetha le indlela yobuzali bakhetha ukuba ngabahlobo babantwana babo kunokuba babonwe njengabazali. Kolu hlobo lobuzali abantwana badla ngokungonwabi nokungalawuleki, baba nengxaki nomntu obabekela imigaqo yaye abaqhubi kakuhle nasesikolweni.

**Ubuzali obunabazali abangenanxaxheba** – Aba bazali bayenza yonke into efunwa ngabantwana, kodwa abanabudlelwane nabantwana babo. Kwiimeko ezininzi abazali abazihoyi izinto ezifunwa ngabantwana babo. Kolu hlobo lobuzali, abantwana abaqhubi kakuhle kuwo onke amanqanaba obomi.

[Ezivela kumama zisiya koomama namantombazana, GC Zulu-Kabanyane,iphepha 38]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

Landela yonke imiyalelo oyinikiweyo kulo mbuzo uyiphendule:

3.1 Isibizo ligama lomntu, lento okanye igama lendawo. Funda ke wena esi sivakalisi silandelayo uze ukhethe isibizo esibhekiselele emntwini, kwinto okanye kwindawo.

UNoluthando uhlala eRosebank kwaye uthi uyawuthanda umsebenzi wakhe.

3.1.1 Isibizo esibhekiselele kwindawo

3.1.2 Isibizo esibhekiselele emntwini

3.1.3 Isibizo esibhekiselele kwinto. (3)

3.2 Bhala isenzi esakhiwe kwisibizo esikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi singezantsi.

Umzekelo: Uthi uyawuthanda <u>umsebenzi</u> wakhe.

Impendulo: **sebenza**

Abantu balindela <u>umfoti</u> oyindoda. (1)

3.3 Qwalasela esi sivakalisi silandelayo uze ukhethe isibizo esiyintloko, isenzi, injongosenzi ngolu hlobo:

Umzekelo: UNoluthando uyawuthanda umsebenzi wakhe.

| Isibizo esiyintloko | Isenzi / isivisa | Injongosenzi |
|---|---|---|
| UNoluthando | uyawuthanda | umsebenzi wakhe |

Abantu balindela umfoti oyindoda. (3)

[7]

## UMBUZO 4

Tshatisa amagama abhalwe ngqindilili ku**KHOLAM A** kunye neempendulo ezichanekileyo zazo eziku**KHOLAM B**. Bhala unobumba omele impendulo yakho ngolu hlobo : 4.1.1. G

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 4.1.1. **Lo** ngumsebenzi wakhe | A. Isixando sokwenzana |
| 4.1.2**. Umntu** uba nemibuzo | B. Isikhomokazi |
| 4.1.3. Umphathi **wam** useofisini | C. isimelabizo sokukhomba |
| 4.1.4 **Isikhukukazi** sikhalela amantshontsho | D. isimnini |
| 4.1.5 UNoluthando noSamkelisiwe **bayancedana** | E. Isibizo sehlelo 1 |

[5]

## UMBUZO 5

5.1 Khawudibanise esi ivakalisi silandelayo sibe sisivakalisi esinye ngesihlanganisi osinikiweyo.

UNoluthando uhlala eRosebank. USamkelisiwe yena uhlala eRandburg. (kanti) (1)

5.2 USamkelisiwe noNoluthando basoloko behamba kunye bazizihlobo zokwenene:

Nika iqhalo okanye isaci esithetha into enye nale nkcazelo uyinikiweyo. (2)
[3]

## UMBUZO 6

6.1 Qwalasela esi sivakalisi silandelayo uze ulandele imiyalelo oyinikiweyo.
Ndifunde ukuyivuthulula loo ngcinga.

6.1.1 Guqula esi sivakalisi singentla sibe kwisininzi. (2)

6.1.2 Vala izikhewu ngamagama afanelekileyo kwesi sicatshulwa singezantsi:

UNoluthando uya---thanda---nconywa xa e---gqibe---nke---sebenzi wakhe. (5)

6.1.3 Bhala isinciphiso segama 'ingcinga' (2)

6.2 Fakela igama lesiXhosa elamkelekileyo elinokusetyenziswa endaweni yala aphawulwe ngomgca ngaphantsi ?

UNoluthando usebenza <u>kwiTelevision</u> kwaye qho kusasa uzimasa <u>imeeting</u> ebalulekileyo yosuku. (2)

6.3 Funda esi sivakalisi silandelayo uze ufakele impendulo echanekileyo:

| IMO EVUMAYO | IMO ELANDULAYO |
|---|---|
| Umzekelo: Uyawuthanda lo msebenzi. | Akawuthandi lo msebenzi. |
| 6.3.1 …………………………… | Wayengazazi ukuba ufuna ntoni. |

(1)

6.4 Hlonipha amagama abhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

Umzekelo: Nditya **inyama.**

Impendulo: Nditya intshani okanye imheya.

6.4.1 Ngamanye amaxesha **inja** iyahleka.

6.4.2 Abantwana batya **ukutya.**

6.4.3 USamkelisiwe wasela **amanzi** waxola. (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**

## ICANDELO D : UNCWADI (UMBONGO)

### UMBUZO 7

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo ebhekiselele kuwo:

Mhla ndasetyenziswa nguSathana.

1. Kukho iimini ezibuhlungu,
Ezizalisa umntu ngeentlungu,
Nawe ezi mini uyazazi,
Akakho umntu ongazaziyo.

2. Yandityumba indoda loo mini,
Yafika ndindedwa loo mini,
Yandibekela izirhintyelo,
Yanga ifunda kwizityhilelo.

3. Wandinyusanyusa endithoba,
Kuloo mahlandinyuka ndavuma,
Wandibekela bonke ubumnandi,
Endiya kubuzuza kube mnandi.

4. Ivenkile yakwaMagqadaza,
Yayivamile ngokuqhekezwa,
Izikrelemnqa zinganqatyelwa,
USathana wandicokisela.

5. Wathi akundikrobisa **kwintywenka,**
Suka amehlo am ndawatweza,
Ndaqonda ukuba ndiza kuba **sisinhanha,**
Wandithutha endibonga nam ndancama.

[*Inguqu ukuba bendinini*, Somana & Dudumashe-Luthango, iphepha 80].

7.1 USathana wayisebenzisa ukuba mayenze ntoni imbongi? Khetha impendulo yakho kwezi:

A wathi mayibulale umntu
B wathi mayiye kuqhekeza ivenkile
C wathi mayitshayise izilwanyana. (1)

7.2 Jonga kwisitanza 1, ibhekisa kubani imbongi xa isithi "Nawe"? (2)

7.3 Jonga kwisitanza 2, imbongi isebenzise amagama anesiphelo esifanayo. Kuthiwani xa kubizwa olu phawu? Khetha kwezi zilandelayo:

A Ngumbuzo-buciko
B Yimvano-siphelo
C Sisimntwiso (1)

7.4 Jonga kwisitanza 3, nika intsingiselo yebinzana **'wandinyusa endithoba'** (2)

7.5 Jonga kwisitanza 4, khetha igama elithetha into enye neli 'ootsotsi' (2)

7.6 La magama abhalwe ngqindilili kwisitanza 5 adla ngokubhekiswa:

A emntwini olambileyo,
B entweni ehluthayo.
C emalini.
Khetha ibeNYE echanekileyo. (2)

7.7 Leliphi igama elisetyenziswe kwisitanza 5, elibonisa ukuba imbongi iye yoyiswa nguSathana? (2)

7.8 Mingaphi imiqolo efumaneka kwisitanza ngasinye kulo mbongo? (2)

7.9 Wawukhe wazifumana ukule meko ichazwe kulo mbongo wena ngenye imini?

Ewe okanye Hayi. Nika isizathu sempendulo yakho? (2)

7.10 Kumhlathi wesi-5 kukho igama elithetha ukukhupha amehlo kakhulu: Lichonge? (2)

7.11 Kukuthini ukuthutha umntu? Jonga kusitanza 5. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 20**

## ICANDELO E: UMHLATHANA OMFUTSHANE

### UMBUZO 8

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo. Bhala ngamagama angama-50 – 60. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo uwukhethileyo.

8.1 **ISIMEMO SOMGIDI**

Ubhuti wakho uza kungenela isiko lokwaluka ngale holide kaDisemba. Abazali bakho bacele wena ukuba ubhale izimemo zomgidi wakhe umeme izihlobo zenu. Bhala ke isimemo somgidi kabhuti wakho. **[20]**

**OKANYE**

8.2 **IRESIPHI**

Umhlobo wakho obufunda naye ibanga lesi-9 uza kugoduka ukuphela kwalo nyaka, aphindele eMelika. Isidlo sasemini uza kusitya kowenu namhlanje kwaye ucele ukuba umlungiselele ukutya kwesiNTU. Khawusibhalele iresiphi yesidlo oza kumtyisa sona. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO E: 20**

**AMANQAKU EWONKE: 100**